

IIKHRAYITHERIYA ZOKULUNGISELELA UKHUPHISWANO

1. Imisebenzi engenisiweyo (*entries*) **yabafundi bamaBakala 1-3** mayibe **yipowusta/ngumzobo** ukubonisa ixabiso lelayibrari.

Iikhrayitheriya

- Kunokungenela kuphela abafundi bamaBakala1-3.
- Iipowusta/imizobo mazibekwiphepha i-A4.
- Igama, ifani, ubudala, nebakala kufuneka zibonakale ngokucacileyo kwipowusta/kumzobo.
- Mayibengumsebenzi awenze ngokwakhe umfundi.
- Mayibengumsebenzi oyintsusa nobonisa isakhono sobuchule bomfundi.
- Iipowusta/imizobo mazihambe nesiliphu semvume esizalisiweyo sokunika imvume yokupapashwa kumajelo eendaba kweepowusta/kwemizobo.

Imibuzo esisikhokelo seengcebiso

- Bonakalisa ukuba uthanda ntoni ngelayibrari yakho; okanye
- Kwimeko apho kungekho layibrari esikolweni sakho, yintoni obungathanda ukuyibona isenzeka elayibrari?

2. **Abafundi bamaBakala 4-12** mababhale **umbongo** osekelwe kumxholo.

Iikhrayitheriya

- Yonke imibongo mayibengumsebenzi owenziwe ngumfundi.
- Igama nefani, igama lesikolo nebakala mazibonakale ngokucacileyo.
- Ngumbongo omnye kuphela womfundi ngamnye oya kwamkelwa.
- Umbongo ungabhalwa nangoluphi na uhlobo, ubenemvano-siphelo (*rhymed*) okanye ungabinayo (*unrhymed*).
- Ubude mabube yimigca eli-10 ukuya kweli-15 ebuninzi.
- Yonke imisebenzi ebhaliweyo engenisiweyo (*written entries*) mayifundeke.
- Imibongo mayihambe nesiliphu semvume esizalisiweyo sokunika imvume yokupapashwa kumajelo eendaba kwemibongo.

Imibuzo esisikhokelo sengcebiso

- Ilayibrari zezikolo zingabanceda njani abafundi babuyele kwimeko yesiqhelo (“#BackOnTrack”) emva kobhubhane i-COVID-19?
- Ukuba ayikho ilayibrari yesikolo, angafunyanwa njani umntu wokunceda abafundi ukuze babuyele kwimeko yesiqhelo (“#BackonTrack”?)
- Izibonelelo zelayibrari yesikolo eziphunyeelelwa sisikolo zingasanceda njani isikolo sakho?